



MSA DEVCO (PTY) LTD T/A McDONALD'S SOUTH AFRICA

IMANYUWALI ENGOKUFIKELELEKA KWENGCACISO (IQUMRHU LABUCALA)

**IQULUNQWE NGOKWECANDELO 51 LOMTHETHO WOKUKHUTHAZA
UKUFIKELELEKA KWENGCACISO, UMTHEHO 2 KA-2000 (PROMOTION OF ACCESS
TO INFORMATION ACT i-“PAIA”)**

1. INJONGO YALE MANYUWALI NGOKWEMIGAQO YE-PAIA

Le manyuwali iqulunqwe ngokweemfuno ze-PAIA ukunceda abantu abanqwenela ukufikelela ingcaciso ngokwe-PAIA.

Le manyuwali iqulethe ingcaciso echazwe kwicandelo lama-51(1) le-PAIA, eliyichaphazelayo inkampani yethu, kwaye iqulethe:

- iinkcukacha ezingokuqhagamshelana nale nkampani;
- inkcazelo yesikhokelo ekubhekiswa kuso kwicandelo le-10 le-PAIA;
- inkcazelo yeerekhodi zale nkampani ezifumanekayo ngokwawo nawuphi na umthetho ngaphandle kwe-PAIA;
- inkcazelo yemiba le nkampani eneerekhodi zayo kunye neendidi zeerekhodi enazo ngomba ngamnye; kunye
- nenye ingcaciso njengoko kumiselwe ngokommisselo.

Le manyuwali iya kuhlaziywa rhoqo ngokweemfuno zecandelo 51(2) le-PAIA.

2. IINKCUKACHA EZINGEMBALI YE-MSA DEVCO (PTY) LTD T/A McDONALD'S SOUTH AFRICA

I-MSA Devco (Pty) Ltd t/a McDonald's South Africa yinkampani eyiresty enkonzo zikhawulezayo.

3. IINKCUKACHA NGELI QUMRHU

Igama elipheleleyo lale nkampani:

MSA DEVCO (PTY) LTD T/A McDONALD'S SOUTH AFRICA

Idilesi yendawo emi kuyo:

85 GRAYSTON DRIVE, SANDOWN, SANDTON, 2196, GAUTENG, SOUTH AFRICA

Idilesi yeposi:

PO BOX 1522 GALLO MANOR, 2052, GAUTENG, SOUTH AFRICA

Idilesi yewebhsayithi:

WWW.MCDONALDS.CO.ZA

Igama elipheleleyo lomntu emakuqhagamshelwane naye ngesicelo se-PAIA (iGosa loNgcaciso):

JO-ANN DE WET

Inombolo yefowuni yoqhagamshelwano malunga nesicelo se-PAIA:

011 236 2443

Idilesi yoqhagamshelwano nge-imeyili malunga nesicelo se-PAIA:

JO-ANN.DEWET@ZA.MCD.COM

4. ISIKHOKELO NGOKWECANDELO 10 ESIMALUNGA NOKUSEBENZISA I-PAIA

IKomishoni yamaLungelo oLuntu yaseMzantsi Afrika (South African Human Rights Commission - SAHRC), ngokwecandelo 10 laloo Mthetho, ipapashe iSikhokelo sokunceda abantu abanqwanela ukusebenzisa nawaphi na amalungelo akwi-PAIA.

Eso Sikhokelo sinokufunyanwa kwiSAHRC. Nabani na onqwanela ukufumana eso Sikhokelo angafikelela kuso ngewebhsayithi ye-SAHRC ku- www.sahrc.org.za okanye angaqhagamshelana no-:

PAIA Unit

Research and Documentation Department

South African Human Rights Commission

Idilesi yeposi: Private Bag X2700, Houghton, 2041

Umnxeba: (011) 877 3600

Ifeksi: (011) 403 0625

I-imeyili: paia@sahrc.org.za

5. INGCACISO EFUMANEKAYO

Ingcaciso ethile iyafumaneka kungakhange kubekho mfuneko yokuba icelwe ngokwe-PAIA Loo ngcaciso ikhona kwiwebhsayithi yethu.

lirekhodi ezithile ziyafumaneka ngokomthetho ongenguwo lo we-PAIA. Ezo rekhodi zithile zifumanekayo ngokwaloo mthetho kwiimeko ezithile zinokufikelelwa kuphela ngabantu abachazwe kumthetho lowo unxulumene noko.

Inkampani yethu inengcaciso ephathelene nemiba engezantsi apha ekufuneka icelwe ngokusesikweni ngokwe-PAIA. (Oku kuquka nawuphi na umba okanye udidi olukuluhlu akufanele kuthathwe njengomqondiso wokuba ingcaciso leyo iya kwenziwa ifumaneke phantsi kwe-PAIA kwaye nezizathu ezithile zokwala njengoko zichazwe kwi-PAIA zinokusetyenziswa.)

liNdidi zeeRekhodi

EzeZimali noLawulo

INkcazelo ngeRekhodi eziKhoyo

- Imizuzu yeentlanganiso zeBhodi yethu (amacandelo angeyomfihlo)
- Imizuzu yeentlanganiso zeekomiti/zeesabhkomiti
- lirekhodi zoxelo-mali, iincwadi namaxwebhu
- lirekhodi zemali zexeshana nezonyaka
- linkcukacha zabaphicothi-zincwadi
- lingxelo zomphicothi-zincwadi wangaphandle
- Izivumelwano ezingomgangatho wenkonzo

EzoLawulo

- Imizuzu yeentlanganiso zabaphathi
- Imbalelwano yangaphakathi

EzaBasebenzi

- ULwakheko lweQumrhu
- Uluhlu lwabasebenzi

- Iinkcukacha-manani malunga nabasebenzi
- Izivumelwano zengqesho
- Iimeko zengqesho
- Ingcaciso enxulumene nabasebenzi abasenokuqeshwa
- Irekhodi zabasebenzi ezibandakanya iinkcukacha zomntu, irekhodi zoluleko, umsebenzi kunye neerekhodi zovavanyo lwangaphakathi
- Ingcaciso ngerhafu yabasebenzi
- Irekhodi zeminkelo ye-Inshorensi yabaNgaphangeliyo (Unemployment Insurance Fund)
- Irekhodi malunga ne-inshorensi yeqela yobomi kunye nokhuseleko lomvuzo wokukhubazeka
- Irekhodi zengxowa-mali yesibonelelo
- Irekhodi zemivuzo
- Irekhodi zempilo nokhuseleko
- Izicwangciso zezakhono zasemsebenzini
- Imimiselo yokuziphatha
- Imimiselo nenkqubo yoluleko
- Inkqubo yezikhalazo
- Inkqubo yezibheni
- Umgaqo-nkqubo wemivuzo
- Imigaqo-nkqubo nemigaqo yangaphakathi emalunga nokugxothwa, ukuvavanywa komsebenzi, ukufunwa kwabasebenzi, ukugaya, ukubhengezwa kwezikhundla, ukuqeshwa, umhlalaphantsi, ukunyuselwa, ikhefu, ikhefu lokugula elongezelelweyo, ikhefu lokufunda, imivuzo, ama-ova, iibhonasi, uncedo ngezonyango, impilo nokhuseleko, iimali-mboleko, abazali abasebenzayo, ukusetyenziswa kwezinto zenkampani kuquka iifowuni, iimoto neekhompyutha, ukuxhatshazwa ngokwesondo.
- Ilishedyuli nemathiriyeli yoqeqesho

- Imbalelwano enxulumene nabasebenzi
- ICandelo
- IoBonelelo/loKuthenga
- Umgaqo-nkqubo wokuthenga
 - Uluhlu lwababoneleli kunye neenkukacha zababoneleli
 - Izivumelwano nababoneleli
- ITekhnoloji yeNgcaciso
- Isoftwe yekhompyutha
 - Izivumelwano zenkxaso nolungiso
 - Iirekhodi malunga neenkqubo neeprogramu zekhompyutha
- Ipropati
- Iirejista zee-asethi
 - Izivumelwano zokuqeshisa ngokubhekiselele kwipropati engahambisekiyo
 - Iirekhodi malunga ne-inshorensi ngokubhekiselele kwipropati ehambisekayo
 - Iirekhodi malunga ne-inshorensi ngokubhekiselele kwipropati engahambisekiyo
- IPropati yeNgqiqo
- Iimpawu zorhwebo ezibhalisiweyo
 - Amalungelo awodwa okwenza (Iipathenti)
- I-inshorensi
- Iirekhodi malunga ne-Inshorensi ngokubhekiselele kwipropati ehambisekayo

6. INKQUBO YOKUFAKA ISICELO

Isicelo sokufikelela kwiirekhodi zethu ngokwe-PAIA kufuneka senziwe kwifomu equlethwe kwiMimiselo ye-PAIA. Ikopi yaloo fomu iqhotyoshelwe kule manyuwali. Isicelo kufuneka sifakwe kwiGosa leNgcaciso kwiidilesi ezichazwe apha ngentla.

Umntu ocela ukufikelela kwiirekhodi zethu kufuneka abhale iinkukacha ezaneleyo kwifomu emiselweyo ukuze sikwazi ukukhangela irekhodi okanye iirekhodi eziceliweyo kananjalo sazi ukuba ngubani umceli. Ukuba isicelo senziwa egameni lomnye umntu okanye iziko, umenzi-sicelo kufuneka angenise iinkukacha kunye nobungqina

besikhundla umfaki-sicelo enza phantsi kwaso isicelo eso, nto leyo kufuneka ibe yinto esanelisa ngokufanelekilyo. Umceli kukwafuneka ukuba achaze indlela afuna ukufikelela ngayo kwiirekhodi ezo zifunekayo, abonelelele nangeenkukacha zakhe zoqhagamshelwano.

Umceli kufuneka alichaze ilungelo elo afuna ukulisebenzisa ngokufumana iirekhodi ezigcinwe yinkampani yethu kananjalo acacise ukuba kutheni irekhodi leyo iceliweyo ifuneka ukuze kube nokusetyenziswa okanye kukhuselwe elo lungelo.

Sisenokuthi (kwaye kuyafuneka oko kwiimeko ezithile) sikwale ukufikelela kwiirekhodi nangaziphi na izizathu ezichazwe kwiSahluko sesi-4 seSahlulo sesi-2 soMthetho wePAIA.

Ukuba onke amanyathelo afanelekileyo athathiwe ukufumana irekhodi ecelwe ngumceli, kwaye kukho izizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba irekhodi leyo ikho apha kuthi kodwa ayifumaneki, okanye ayikho, iGosa leNgcaciso ke ngoko liya kuthi, ngendlela ye-afidavithi okanye isivumo, lazisa umceli ukuba akukwazeki ukumnika ufikeleleko kuloo rekhodi.

Kuyafuneka ukuba simazise ngembalelwano umenzi-sicelo ngesigqibo sethu ngokunxulumene neso sicelo.

7. UMRHUMO OHLAWULWAYO

Umrhumo wesicelo wama-R50.00 uhlawulwa ngumceli, ngaphandle komceli ofuna ukufikelela kwiirekhodi eneenkukacha ezingaye buqu. Lo mrhumo wesicelo unokuhlawulwa ngexesha lokwenziwa kwesicelo, okanye umntu ogunyazisiweyo ukuba ajongane nezo zicelo egameni lethu unokwazisa umenzi-sicelo ukuba ahlawule umrhumo wesicelo ngaphambi kokuba isicelo siqhubeke. Umceli unokwenza isicelo enkundleni ngokuchasene nokuhlawula umrhumo wesicelo.

Umceli osicelo sakhe sokufikelela kwiingxelo ezigcinwe sithi sivunyiweyo, naye kukwafuneka ukuba ahlawule umrhumo wokufikelela ekuveliseni ngokutsha iirekhodi okanye iirekhodi, ukuzikhangela kunye nokuqulunqwa kweerekhodi ezo ukuze zibe nokubhengezwa. Sinelungelo lokuyibamba irekhodi de imirhumo yokufikelela efunekayo ihlawulwe.